Siyabaleka siya kuloBongi. Ngubani oza kufika kuqala kuloBongi? Phosa phezulu imali eziinkozo. Ukuba ufumana intloko ungahamba kabini uye phambili. Ukuba ufumana umsila ungahamba kanye kuphela ukuya phambili. Lowo ufika kuqala kuloBongi nguye ophumeleleyo. Ukuba ukuhamba kwakho kukufikisa egameni, lifunde elo gama.



# Sikhathalela izilo-qabane zethu







Masifunde



USipoti yinja egezayo.
Uyakuthanda ukuleqa ikati.
Izolo ikati ikhwele emthini waza
uSipoti akakwazi ukuyifumana.
Yayisoyika ingafuni ukwehla.

Umhla:



Ndilande ileli ukuze ndiyothule.
UAnn undincedisile.
Emva koko siyinike ukutya ukuze itye.
Yayothukile kakhulu.



Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

| | |
|---|---|
| Ikati yaleqa inja. | |
| Ikati yakhwela emthini. | |
| UBongi wothule ikati emthini. | |



Sisebenza ngamagama

Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| ukutya | tyebisa | ityuwa | tyala |
| khwela | khwaza | khwitshilika | khwebula |
| leqa | laqaza | loqa | qala |



**Amagama okujongisiswa**

uhlala
abekho
zonke




Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

L L l l


# 24 Izilo-qabane zethu



Masenzeni oku

Zoba umfanekiso wesilwanyana ocinga ukuba singasisilo-qabane esifanelekileyo.






Bhala

Faka izimelabizo ezichanekileyo.

| Yena | Yona | Bona | Thina | Mna |
|---|---|---|---|---|





__Yena__ uhambe ngebhasi.



_______________ ndigoduke ngeenyawo izolo.



_______________ baba manzi toxo yimvula.



_______________ yakhonkotha ubusuku bonke.



_______________ singabahlobo bokwenene.



_______________ balinde ibhasi esitophini.

# 25 Sigcina ikhaya lethu licocekile





Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu nc no ngc.



Kufanele sincedise sonke ekhaya.

Ndiyatshayela, umama uhlamba impahla aze utata asule uthuli.


Umhla:



Umntwana uyangcolisa kwaye uyakuthanda nokulila.

Xa sesigqibile ukusebenza sihlala phantsi sincokole sitye nokutya.

Emva koko ndifunda incwadi endiyithandayo ndide ndozele ndilale.



Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.


| | |
|---|---|
| Utata uyahlamba. | |
| Umama uyatshayela. | |
| Ndiya kuloBongi xa sendigqibile. | |



Sisebenza ngamagama

Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ihashe | hayi | ihempe | halala | iholo |
| umama | umongo | amanzi | amehlo | imilo |
| funda | landa | thanda | sinda | linda |



**Amagama okujongisiswa**

ngcolisa
uhlamba
ncedisa



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

M M m m

# Senza imithambo










Utitshala uthi sonke sifanele ukuba sidlale sonke. Sithanda ukudlala ukuphuma kwesikolo

Ndithanda ukubaleka. Siyakhuphisana maxa wambi.

Owona mdlalo ndiwuthandayo yibhola yomnyazi.

Umhla: ____________

UAnn udlala ibhola yomnyazi ngoMvulo nangoLwesine.

UBongi uyiphosa ngamandla ibhola ide iye kude.

Ngenye imini wayiphosa yaya kubetha ifesitile yeofisi yophuka.





**Bhala** Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

| | |
|---|---|
| UAnn uthanda ibhola yomnyazi. | |
| UPhila udlala ibhola ekhatywayo ngoMvulo nangoLwesine. | |
| UAnn wophula ifesitile. | |



**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| ibhola | ibhaso | bheka | eBhisho |
| qhuma | qhuba | qhula | qhina |
| fumana | ifesitile | funda | fefa |

**Amagama okujongisiswa**

dlala
ngoMvulo
ilanga



**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

N N n n

TEACHER: Sign ____________ Date ____________

# 28 Imithambo nezemidlalo

Masenzeni oku



Cinga ngomdlalo othanda ukuwudlala.
Chazela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umdlalo owuthandayo ingowuphi ongawuthandiyo.

Bhala

Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise la magama: ndithanda okanye andiyithandi.

Ndithanda | Andiyithandi





_______________ ibhola ekhatywayo.

_______________ ibhola yomnyazi.

_______________ ukuqubha.



Bhala

Bhala ezi ntsuku zeveki ngokulandelelana kwazo, uqale ngeCawa.
Emva koko zoba umfanekiso wento othanda ukuyenza ngosuku oluthile kwezi ntsuku uzinikiweyo.

| | | |
|---|---|---|
| NgeCawa | | |
| NgoMvulo | | |
| NgoLwesibini | | |
| NgoLwesine | | |
| NgoLwesithathu | | |
| NgoLwesihlanu | | |
| NgoMgqibelo | | |

# Sitya ukutya okufanelekileyo







Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu i no ii.




Ndithanda ukutya imifuno esegadini yasekhaya.


Sityala iminqathe, iitapile neetumato.

Xa kunganethi, sinkcenkceshela izityalo.

Umhla:

Ngenye imini ibhokhwe yatya zonke izityalo.

Ndayileqa kodwa yandishiya.



Bhala Phendula le mibuzo.

| Utyale ntoni egadini? |
|---|
| |
| Uzinkcenkceshela nini izityalo? |
| |
| Yintoni eyafika yatya izityalo? |
| |

Sisebenza ngamagama Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| dlamka | dlula | dlala | isidlo |
| iitapile | iiplamsi | iinkomi | iitumato |
| ooNomsa | oonojubalala | oomalume | oomofu |

**Amagama okujongisiswa**

imifuno
iitapile
oomalume

Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

O o

# 30 Ibhokhwe esesitiyeni

**Masenzeni oku**


Yibani ngababini, dlalani umdlalo nilinganise ibhokwe ingena esitiyeni isitya imifuno.
Ngubani oza kuba yibhokhwe?

**Masifunde**

Jonga imifanekiso nomhlobo wakho uze ubhale inani kumfanekiso ngamnye ngokulandelelana kwayo.







**Bhala**

Bhala izivakalisi ezibini ngokubona emfanekisweni.
Sebenzisa la magama.

ibhokhwe | yatya | imifuno | sayileqa | isango

Umhla: ____________




Jonga imibala.
Chazela umhlobo wakho ukuba mibala mini oyifumanayo xa udibanisa le mibala.



# Ukuxuba imibala



Imibala ephambili ngu:

bomvu mthubi zuba

Yithi: Ukuba ndixuba umbala obomvu kunye nomthubi ndifumana ______________________.



bomvu + mthubi = orenji

zuba + mthubi = luhlaza

bomvu + zuba = msobo

# Usapho lwasekhaya olukhulu





Masifunde



Umakhulu ugugile kakhulu.

Ndiqhele ukumnceda xa ehamba.

Usebenzisa umsimbithi kwaye uyacotha kakhulu xa ehamba.

Umhla:



Uqaqanjelwa yintamo nomqolo xa kubanda kakhulu.

Mna nomnakwethu siyathanda ukuncedisa ekhaya.

Kuhle ukuhlala nosapho olunobubele.

Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

| | |
|---|---|
| UJabu unceda umakhulu. | |
| Umakhulu uqaqanjelwa yimilenze. | |
| Asincedani ekhaya. | |

Sisebenza ngamagama

Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| isijwili | jweda | jwi | jwambi |
| ncoma | ncokola | ncama | ncipha |
| iindaba | indoda | indebe | indawo |

**Amagama okujongisiswa**

uyaqaqanjelwa
ugugile
umsimbithi

Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

P P p p

# 32 Ndiyakuthanda ukuncedisa

**Masenzeni oku**

USam akafuni ukuncedisa ekhaya. Yenza umdlalo-linganiso uchazele uSam ukuba kutheni kufuneka encedisile nje.

**Bhala**

Funa ukuba ngubani othanda eyiphi imibala.
Buza abantwana aba-5 eklasini ukuba bathanda eyiphi imibala.

| Igama | Umbala othandwayo |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |

**Bhala**

Guqula ezi zivakalisi zikwixesha langoku zibe kwixesha elidlulileyo.

Ndiyancedisa ekhaya.

Izolo ________________________________.

UDan noSam bahlika ebhasini.

Izolo bona ______________________________.

Sidlala epakini.

Izolo thina ______________________________.

# 33 Iindaba ezimnandi





Masifunde

Utitshala usiphathele iindaba ezimnandi.
Uthe iklasi yethu inohambo ngebhasi.

Siza kuhamba iveki yonke.
Asikwazanga ukuzibamba yimincili,
saxhuma-xhuma kwayiloo nto.



Bongi


"Zange ndiyicinge into yokuba ndingaze ndiye eholideyini," kutsho uBongi engasakwazi nokuwuvala umlomo.



Sam

"Ndifuna ukuya elwandle," kutsho uSam.

Umhla: ______________



Jabu

"Ndifuna ukubona izilwanyana zansendle," wakhwaza watsho uJabu.

"Ndifuna ukubona ezinye iindawo," kutsho uAnn.



Ann

Utitshala usinike izikipa ezitsha ezihle esiza kuzinxiba xa sisebhasini. Oku kwasonwabisa kakhulu.

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| USam uye waya phi? |
| Uye waya |
| UJabu ubefuna ukubona ntoni? |
| Ebefuna ukubona |
| Baza kuhlala ixesha elingakanani eholideyini abantwana? |
| Baza kuhlala |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| shiya | shixiza | gushuza | isheyi |
| biza | buya | beka | bona |
| ibhedi | ibhokhwe | ibhasi | ibhaloni |



**Amagama okujongisiswa**

ulwandle
izilwanyana
ibhasi

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Q Q q q

# 34 Malunga nohambo lwethu

Masenzeni oku

Balisela umhlobo wakho ukuba ufuna niye phi nokuba uza kubona ntoni apho.
Zoba umfanekiso wesikipa esichaza ukuba ufuna ukubona ntoni.



Bhala

Bhala igama lakho.


Bhala la magama usebenzise oonobumba abakhulu apho kuyimfuneko.

| ubongi | ubonani | ujabu | uphila | umimi |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |

Bhala amagama amane abahlobo bakho.

| | |
|---|---|
| | |
| | |

Umhla:



**Bhala** Bhala izivakalisi ezibini malunga nendawo ongathanda ukuya kuyo.



**Masonwabe**

Izipho. Vala amehlo uphathe izipho ngeminwe.
Chaza ukuba uza kusinika bani na isipho uze uchaze nesizathu soko.
Ukhumbule ukunika abahlobo bakho, utitshala wakho kwakunye nawe.



Yithi: Isambrela ndiza kusinika utitshala ngoba utshiswa lilanga yonke imihla.



# Siya phi?





Masifunde



Siya phi?


Siza kubona izilwanyana zasendle kuqala.

Emva koko siza kuya elwandle.

Siza kuhamba ngebhasi enkulu yesikolo.

Siye sajonga imephu ukuze sibone iindawo.

Umhla:




"Ndifuna ukubona ukrebe namazinyo akhe abukhali," kutsho uAnn.




"Ndifuna ukomba umngxuma onzulu esantini," utshilo uJabu.

"Ndifuna ukubona ingonyama namazinyo ayo amakhulu," kutsho uBongi.




**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| UAnn ufuna ukubona ntoni? |
| UAnn ufuna ukubona |
| UBongi ebefuna ukubona ntoni yena? |
| UBongi ebefuna ukubona |
| UJabu ebefuna ukubona ntoni? |
| UJabu ebefuna ukubona |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| indlovu | indlu | indlela | indlala | ulwandle |
| intwazana | abantwana | entweni | intwala | intwana |
| inyama | ingonyama | amazinyo | inyoka | enyulu |



**Amagama okujongisiswa**

ukrebe
ingonyama
umngxuma

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.


R R r r

TEACHER: Sign ________ Date ________

# Sinqumla elalini








Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu mb.

Ekugqibeleni yade yafika imin' ebikade ixelwa. Sakhwela ebhasini saqalisa uhambo lwethu.

Ibhasi yethu idlula kwilali yeKumkanikazi yeMvula.

Kwangoko siveze iintloko ezifestileni sifuna ukubona iKumkanikazi yeMvula. Sibone ihlathi elikhulu eliluhlaza.



Sibone izindlu ezingooronta abapeyintwe ngemibala emhlophe neluhlaza, umbona neenkomo ezininzi.

USpoti ukhonkotha iinkomo nezinye izinja azibonayo.

Umhla: ____________



UBongi unqanda uSipoti. Ufuna ukwehla aphume ebhasini.



UJabu uthi, "Hayi Sipoti, awuyi apho, hlala phantsi!"

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Baphi ngoku ngebhasi? |
| Bakufutshane |
| Yintoni eyenza uSipoti afune ukuphuma ebhasini? |
| Kungoba ubona |
| Babona ntoni? |
| Babona |
| Abantwana bebefuna ukubona ntoni? |
| Bebefuna ukubona |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| mmeme | mmise | mmele | ummemezi | ummango |
| imbali | umbona | iimbambo | imbeko | imbizo |



**Amagama okujongisiswa**

ihlathi
izindlu
umbona

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

S S s s


# Iifama namahlathi






Masonwabe


Zoba imifanekiso yezinto ezibonwa ngabantwana.





Bhala

Bhala izivakalisi malunga nomfanekiso wakho.



Bhala

Biyela igama elichanekileyo kwisivakalisi ngasinye.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Thina | ufika | sifika | emva kwexesha esikolweni. |
| Yena | ungumdlali | bangabadlali | oyincutshe. |
| Yona | zikhula | ikhula | kakuhle. |
| Wena | unxiba | banxiba | kakuhle. |
| Bona | uhamba | bahamba | ngomso. |
| Mna | ndibhala | sibhala | uviwo. |

Sisebenzisa u-si-, zi-, ba xa sibonisa isininzi.



Umhla:

Bhala Khetha igama elifanelekileyo.

bhasi | ngebhasi | ebhasini

Inja ifuna ukuphuma ______________________.

Bahamba______________________________.

Le __________ ihamba kancinci xa inyuka iqhina.

Masonwabe Bonisa umntu oqhuba ibhasi ukuba kufanele ahambe phi ukuze aphume ehlathini.



# Siqhuba esixekweni







Masifunde



Ibhasi yethu seyingena eGoli.

Sibona iimoto ezininzi nomsi.

Kukho abantu abaninzi abaya ngapha abanye baya ngaphaya.

Nanko uSipoti etsiba ephuma ebhasini. Ufuna ukuya kudlala nezinye izinja ezincinci.

UJabu uyambiza, "Buya Sipoti. Akuva."

USipoti akamhoyanga tu uJabu, nanko ebaleka esiya kwezinye izinja.

Umhla:



Siphumile nathi ebhasini saleqa uSipoti.

"Sipoti, buya, uza kutshayiswa ziimoto!" utshilo uBongi emcenga.

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Babona ntoni abantwana edolophini? |
| Babona |
| Yintoni eyenza uSipoti afune ukuphuma ebhasini? |
| Kungoba wayefuna |
| Ngubani obize uSipoti? |
| |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| isenti | into | ntanta | intamo |
| itoti | itumato | utoto | itephu |
| uthuthu | thutha | thengisa | thoba |

**Amagama okujongisiswa**


hlala
tsiba
izinja

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

T T t t

Umhla:

Makhe sibone ukuba ngubani oza kufika kuqala ebhasini? Phosa imali eziinkozo phantsi. Ukuba ufumene intloko uza kuhamba uye phambili iibloko ezimbini. Icala elingenantloko likuvumela ukuba uhambe kanye ukuya ebhasini. Lowo ufika kuqala ebhasini nguye ophumeleleyo. Xa uhamba ufika egameni, lifunde elo gama. Ukuba akukwazi ukufunda igama buya umva ibloko ibe nye.



# Sibona ezintlanu ezinkulu







Masifunde

Siphakathi eKruger Park. Siyathemba akuzokuna kwakhona.


Naziya izilwanyana ezininzi zimi nendlovu. Ndifuna ukubona ingonyama.

Bonke abantwana bajonga ezifesitileni bafuna ukubona izilwanyana zasendle.



UJabu ubona iingonyama enkulu isemva kwembabala.

Umhla: ____________





Jabu

"Yho! Jongani bantu.
Ayinkulu laa ngonyama!
Ifuna ukutya imbabala"
kutsho uJabu.

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Zilwanyana zini eziza kubonwa ngabantwana eKruger Park?

Ingonyama ingaba ifuna ukutya ntoni?

Ngubani obone ingonyama kuqala?

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| iphaphu | iphuphu | iphela | pheza |
| emva | imvelo | imvubu | imvu |
| hayi | homba | halala | ihambo |

**Amagama okujongisiswa**


Yho!
Yhu!
Tyhini!

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

U U u u

# Ezinye izilwanyana

**Masenzeni oku** Zoba umfanekiso wesilwanyana ongathanda ukusibona.



**Bhala** Bhala izivakalisi ezibini malunga nomfanekiso wakho.

**Bhala** Bhala izivakalisi ezithathu. Krwela umgca utshatise inxalenye ekwibhokisi epinki naleyo ikwibhokisi eluhlaza. Wakugqiba khuphela izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | |
|---|---|
| Abantwana bebengasathandi | ingonyama. |
| UJabu nguye owabona | ebhasini. |
| Abantwana bangena | ukubuyela ekhaya. |

# 43 Siseselwandle



Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu hl.

Siphi na ngoku? Sisendleni eya elwandle. Singxamile ingathi asisafiki. Siyalubona ulwandle namaza alwatyuzayo.

Ulwandle luyoyikeka kuba lukhulu kwaye lunzulu. Kodwa siyaluthanda kuba sidlala esantini. Sihlala phezu kwamatye sidlale ngamanzi. Amanzi olwandle awaseleki kuba anetyuwa eninzi.

Sibona neenqanawa ezihamba emanzini.



Iintlanzi ezininzi zihlala elwandle. Ndibona ukrebe nomnenga. Kumnandi ukuhamba esantini. Sakha indlu ngayo.

Umhla:




Nanko uSipoti esemba umngxumakazi wasuka wawa watshona kwakuwo. Kwowu! iyageza kambe le nja.

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Babephi abantwana? |
| Abantwana |
| Kwenzeka ntoni kuSipoti? |
| Wawela |
| Babona ntoni abantwana? |
| Babona |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| hleka | hlala | hloma | hlikihla |
| emanzini | zininzi | intlanzi | inzulu |
| ishushu | isheyi | isheleni | ishiti |




**Amagama okujongisiswa**

Kwowu
Shu
hleka

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

V V v v

Umhla: ______________




Bhala

Bhala iintsuku zeveki zilandelelane kakuhle.
Chaza ke ngoku ukuba ukholisa ukwenza ntoni ngosuku ngalunye.

NgoLwesine | NgeCawa | NgoLwesihlanu | NgoMvulo | NgoMgqibelo | NgoLwesithathu | NgoLwesibini

| Usuku | Endikholisa ukukwenza |
|---|---|
| NgeCawa | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |




Bhala

Yenza ezi zibalo zamagama uze ubhale igama elichanekileyo.
Sesikwenzele eyokuqala.

| | | |
|---|---|---|
| ity | ala | **ityala** |
| | esi | |
| | uwa | |

| | | |
|---|---|---|
| umtho | mbo | **umthombo** |
| imba | | |
| umla | | |



| | | |
|---|---|---|
| tsh | isa | |
| | enta | |
| | otsho | |

| | | |
|---|---|---|
| ili | zwe | |
| ubu | | |
| isi | | |

TEACHER: Sign ______________ Date ______________

# Lixesha lokugoduka



Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu ph.



Kufanele sibuyele emakhaya namhlanje. Siphatheke kakubi.

Besonwabile elwandle. Sipakishe izinto zethu.



Singene sahlala ngeendawo zethu.

USipoti uhleli noBongi.

UBongi ukhathazeke kakhulu wade wakhala.



Sajonga ngaphandle sabona iinkomo zisitya ingca. Sasicinga ngezinto esizibone elwandle, iintini zisitya ezinye zidlala. Sasicinga ngolwandle nangamahlengesi equbha apho edlala namanye.

Umhla:



Endleleni uSipoti ubone iinkomo. Wakhonkotha kakhulu. Wazama ukuphuma ngefesitile.

Hayi, Sipoti. Yima!




Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Yintoni eyenza abantwana baphatheke kakubi namhlanje? |
| Kungoba |
| Ngubani oye wakhala? |
| uye wakhala. |
| USipoti uhleli ecaleni kukabani? |
| Uhleli ecaleni |




Sisebenza ngamagama Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| phepha | thatha | shiya | ngena |
| phupha | thetha | shusha | ngoba |
| iphuphu | thutha | shukuma | ingozi |



**Amagama okujongisiswa**

phatha
yonwaba
hleka



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

W W w w

# Sibuyela ekhaya






Masenzeni oku

Zoba umfanekiso ubonise ukuba babeziva kanjani abantwana xa babebuyela ekhaya.






Bhala

Tshatisa inxenye ekwibhokisi epinki kunye nenxenye echanekileyo kwibhokisi eluhlaza.

| |
|---|
| USipoti |
| Abantwana bakhwele |
| Bebengasafuni |
| Abantwana |

| |
|---|
| ibhasi. |
| babephatheke kakubi. |
| ebonwabile elwandle. |
| ukubuyela ekhaya. |



Bhala

Bhala izivakalisi malunga nexesha owawuziva udakumbile.

# 47 Sibuyele eklasini



Masifunde



Bongi

"Kwowu, ndingabuyela njani elwandle kwakhona?" wabuza uBongi.



Titshala

"Namhlanje niza kubhala ibali ngohambo lwenu," kutsho utitshala.



Sam

"Ndiza kubhala ibali ngezilwanyana endizibone efama," kutsho uSam.



Jabu

"Ndiza kubhala ibali ngezilwanyana zasendle endizibonileyo," kutsho uJabu.

Umhla:





UAnn uthi, "Ndiza kuya kumalume ndifike ndimbalisele." "Ndiza kudlala noSipoti phambi kokuya kulala. Ndifuna ukuphupha ndibona ulwandle."

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Ngubani oza kubhala ngezilwanyana zasendle? |
| uza kubhala ngezilwanyana zasendle. |
| Ngubani oza kubhala ngezilwanyana zasefama? |
| uza kubhala ngezilwanyana zasefama. |
| Uza kwenza ntoni uBongi phambi kokuya kulala? |
| UBongi |
| UBongi unqwenela ukuphupha ngantoni? |
| Unqwenela ukuphupha |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| nje | njalo | inja | njani |
| lwakhe | lwethu | isilwanyana | ulwandle |
| umnqweno | nqwala | nqwam | inqwelo |



**Amagama okujongisiswa**
umnqweno
ulwandle
iphupha

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

X X x x

# 48 Sibuyele esikolweni



**Masenzeni oku**

Ncokola ngeendaba zakho.
Balisela abahlobo bakho ngekhaya lakho.

**Bhala** Bhala izivakalisi ezihlanu ngekhaya lakho.

**Bhala** Bhala izivakalisi ezithathu. Tshatisa okusebhokisini engasekhohlo nokusebhokisini esekunene. Emva koko khuphela izivakalisi encwadini yakho.

| | |
|---|---|
| Namhlanje | ebeye kuloBongi. |
| Izolo uAnn | ndiza kuya esikolweni. |
| Ngomso | bakhathazekile. |
| Abantwana | ndifuna ukuya ekhaya. |

**Masonwabe** Kwiphepha elikwelinye icala zoba indlela ehanjwe yibhasi.

1. Qala esikolweni.
2. Yiya efama.
3. Yiya ehlathini.
4. Yiya esixekweni.
5. Yiya eKruger Park.
6. Yiya elwandle.
7. Buyela esikolweni.

# Isichotho







Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu mv.

Ndithe ndisendleleni egodukayo ndivela esikolweni izolo, kwaqala ukuchaphaza.

Imvula ivele yana kakhulu. Ndaba manzi toxo. Bendithwabaza ndisoyika ukududuma kwezulu. Ngethamsanqa khange kuwe matye.

Imvula indimanzise ubuso, bendingasakwazi nokubona.

Bendingaboni nokuba ndindedwa.

Khange ndazi ukuba ndithini na ndaze ndakhala.

Umhla: ____________________

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| UBongi ebesiya phi? |
| Ebesiya |
| Uzive njani ngeli lixa esemvuleni? |
| Uzive |
| Ebehamba nabani uBongi? |
| Ebehamba |

**Bhala** Thiya eli bali igama ulibhale phantsi.

______________________________________________

______________________________________________

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi.



| | | |
|---|---|---|
| igwala | igwinya | isigwili |
| qwa | iqweqwe | isiqwayi |
| tweza | twabulula | twela |



**Amagama okujongisiswa**


thwabaza
liqala
toxo
gqum

**Bhala** Gqibezela la magama uze uwatshatise nemifanekiso efanelekileyo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ibho___ | ize___ | intya____ | itha__ | ii___uku |

# Izantyala-ntyala




**Masenzeni oku**

Ucinga ukuba yintoni eyenzeke kuBongi?
Balisela umhlobo wakho ukuba kwenzeke ntoni kuBongi. Xela isiphelo esihle nesibi seli bali.



| Esihle | Esibi |
| --- | --- |
| | |



**Bhala** Bhala izivakalisi ezihlanu ngesiphelo esihle.
Sebenzisa amanye ala magama.

lila | uyahamba | imvula | uyoyika | inja



**Masifunde** Funda isiphelo sebali.

Liphele njani ibali?

Ndibone kusithi gqi uSipoti esiza ebaleka. Ebethe chu isambrela ngomlomo. Ndivuye kakhulu kuba ndiza kusinda emvuleni.




Umhla:




Ndivele ndasivula isambrela, ndasiphakamisa. Sabaleka saya ekhaya.

Ndasinda ekugqibeleni. Ndibulela uSipoti inja yam ehlakaniphileyo.



Faka umbala emfanekisweni. Masonwabe






Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba. Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Y Y y y


# 51 Isichotho

Masifunde









## Ibali lika-Ann

Besizihlalele sobabini noSipoti ekhaya.
Besizidlalela egadini. Ndabona amafu eba mnyama. Bendisithi alizi kuna kodwa kweza isichotho.

Sagalela ngathi ziibhola zegalufa. Kwaphuka yonke into.
USipoti yena wayeleqa amatye esichotho. Ndandisoyika.

Ndizamile ukumcela ukuba abuye, waqhubeka. Ndamleqa waze ngelingeni weva wawayeka.

Sithe siphela isichotho thina sabe sesilele ngaphantsi kwebhedi.

Ithe yakuyeka imvula saphuma phandle sabona amatye angangeebhola zegalufa.

Umhla:

**Bhala** Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Ingaba uAnn usibalisela ngokududuma kwezulu? |
| Hayi, usibalisela |
| Ebemangakanani amatye esichotho? |
| Ebe |
| Baye benza ntoni uAnn noSipoti ngexesha befikelwa kukoyika? |
| Baye |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi.

| | | |
|---|---|---|
| jika | jonga | jula |
| cika | cula | cela |
| qhuba | qhela | qhula |




**Amagama okujongisiswa**

isichotho
izandyondyo
amatye

**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Amatye esichotho

**Bhala** Gqibezela la magama uze uwathelekise nemifanekiso efanelekileyo.


| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| im_li | am_d_d_ | us_na | isan__a | isa__t__ |


# 52 Emva kwesichotho


Masenzeni

Nika le imifanekiso amanani alandelelane asuke ku-1 – 4 usibonise ukulandelelana kwayo. Balisela umhlobo wakho ibali elithethwa yiyo.











Bhala

Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye. Sebenzisa la magama, aza kukunceda.

amafu amnyama

ukwaphuka

igalufa


ingxolo enkulu

isichotho

ukoyika


ukudlala egadini


Umhla:



Bhala Gqibezela la magama ukuze ahambelane nemifanekiso efanelekileyo.


| ihlosi | isele | ivenkile | isarha | isophu | ivili |
|---|---|---|---|---|---|

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
|  |  |  |  |  |  |
| iv_l_ | is_l_ | is_phu | is_rha | ihl_si | iv_nkil_ |



Masonwabe Jonga lo mfanekiso uze ubalisele umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni.

# Amanzi ayaguquka




| | |
|---|---|
| 1 | Ilanga likhanya elwandle nasemifuleni. |
| 2 | Amanzi anyukela esibhakabhakeni. |
| 3 | Amanzi enza amafu. |
| 4 | Amafu enze imvula. Imvula yehlela emifuleni naselwandle kwakhona. |

TEACHER: Sign Date

# 53 Ndakhe ndalibona ikhephu



Masifunde

UBongi ubona ikhephu.



Bendindwendwele umakhulu. Uhlala lee kude ezintabeni eHogsback. Kuyabanda apho ebusika!

Bendilala ngeengubo ezininzi.



Ndavuka ngenye intsasa ndothuka. Kwakumhlophe wee indawo yonke. Kwakukho iliqhwa eluphahleni, kukho iliqhwa emithini, kukho iliqhwa engceni nasendleleni.

Ndaphuma phandle ndalibamba.

Libanda kude kube buhlungu iminwe.


NoSipoti akakwazanga ukuhamba phezu kwalo kuba liyabanda.

Umakhulu waye wathi mandinxibe iikawusi ezandleni kuba ndandingenazo iiglavu.

Ndandikuthanda ukudlala ngekhephu kodwa ndandingazithandi ezo kawusi zazisezandleni zam.



Umhla:



**Bhala** Funda ibali uze uphendula imibuzo.

| |
|---|
| Ebephi uBongi selebona iliqhwa nje? |
| uBongi |
| Uye wanxiba ntoni uBongi ezandleni? |
| Wanxiba ezandleni. |
| Ubone ntoni uBongi xa evela emnyango? |
| Ubone |

**Sisebenza ngamagama** Funda la magama umamele izandi.

| | | |
|---|---|---|
| xaba | iliqhwa | indlu |
| xela | qhwaya | indlela |
| xoxa | qhwaba | indlovu |



**Amagama okujongisiswa**

iliqhwa
ikhephu
ingqele


**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Ndiye ndatyelela umakhulu wam.


N


TEACHER: Sign ______ Date ______

Umhla:



**Bhala** Gqibezela la magama ukuze ahambelane nemifanekiso.


| | | | | |
|---|---|---|---|---|
|  |  |  |  |  |
| in__a | ilo___e | um__ama | u__ando | ii__avu |



**Bhala** Gqibezela la magama ngokufaka u- a, e, i, o, u ze uwatshatise nemifanekiso efanelekileyo.

| | |
|---|---|
| iw__tshi | is__selo |
| i__ayithi | ibh__la |
| is_lwanyana | ik__yiki |
| un_gwaja | igl__vu |
| i__mbo | ink__mo |
| i__ayisekile | ndl__ |






**Bhala** Ziqhelise ukubhala aba nobumba. Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Z Z z z

TEACHER: Sign ______ Date ______


# 55 Amaxesha onyaka








Masifunde



Jabu: Andibuthandi ubusika. Buyabanda.



Ann: Ndiyalithanda ihlobo. Ndiyaqubha ehlotyeni. Ndithanda ukumamela umculo weentaka.



Sam: Ndiyayithanda intwasahlobo kuba ndidlala ngoonojubalala edamini.

Umhla:

Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| Ngubani ongayithandiyo ingqele? |
| --- |
| |
| Ulithandela ntoni ihlobo uAnn? |
| Kungokuba |
| Kutheni ethanda intwasahlobo nje uSam? |
| Kungokuba |

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

| | | |
| --- | --- | --- |
| xhuma | inyama | thwala |
| xhoma | umnyama | thwethwa |
| ixhego | elinye | ithwathwa |



**Amagama okujongisiswa**

ubusika
ihlobo
ukwindla

Bhala Leliphi elona xesha lonyaka ulithandayo?

Bhala Tshatisa la magama nemifanekiso efanelekileyo.



| | | | | |
| --- | --- | --- | --- | --- |
| inyosi | hamba | iintyatyambo | thetha | inyoka |

TEACHER: Sign Date

# Amaxesha amane onyaka





Masenzeni oku

Jonga imifanekiso uze ubalisele umhlobo wakho ukuba yintoni oyithandayo nongayithandiyo ngamaxesha onyaka.
Balisela umhlobo wakho ukuba ziimpahla zini ekufanele sizinxibe ngamaxesha ahlukeneyo.
Xela izizathu.



Intwasahlobo



Ihlobo



Ukwindla




Ubusika



Bhala

Krwela umgca utshatise okusebhokisini engasekhohlo nengasekunene.

| | |
|---|---|
| Andibuthandi ubusika ngoba | amagqabi emithi ayawa |
| Izilwanyana zizala amantsontsho | ndithanda ukuqubha. |
| Ndithanda ihlobo ngoba | buyabanda. |
| ekwindla | entwasahlobo. |



Bhala

Bhala isivakalisi ngexesha lonyaka ongalithandiyo kunye nolithandayo.


Ndithanda

Andithandi

Umhla:





Balisela umhlobo wakho ukuba isele likhula njani na ukusuka eqandeni, libe ngunojubalala, libe lisele elincinane elinomsila lide libe lisele elipheleleyo.








Faka umbala emfanekisweni wesele.



TEACHER: Sign ____________ Date ____________

Umhla: ______________



**Bhala**

Bhala iimpendulo zale mibuzo.


| | |
|---|---|
| Yimozulu yeyiphi inyanga le? | |
| Zingaphi iintsuku zale nyanga? | |
| Zingaphi iintsuku ezitshisayo? | |
| Ziza kuba ngaphi iintsuku apho liza kuba namafu athe gqaba-gqaba? | |
| Liza kuna iintsuku ezingaphi? | |
| Liza kududuma iintsuku ezingaphi? | |
| Kuza kubakho umoya iintsuku ezingaphi? | |



**Sisebenza ngamagama**

Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | |
|---|---|---|
| ngena | yimba | sulwa |
| ingenile | yambatha | thulwa |
| ingalo | imbobo | khululwa |



**Amagama okujongisiswa**

gqaba-gqaba
iindudumo
itshathi



**Bhala**

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Wakugqiba bhala izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibbokisi yamagama.

Imo yezulu


# UJabu ufike emva kwexesha esikolweni



Masifunde

Namhlanje uJabu ulele ixesha elide waselwa.

USipoti ude wakhwela phezu kwakhe engavuki.









Umama kaJabu ufikile wamvusa. Wamthethisa akeva.

Uvuke apho uJabu waleqa ibhasi, kodwa yamshiya.


Uhambe ngeenyawo waya kufika esikolweni. USipoti uye wahamba naye.

Ufike emva kwexesha kakhulu esikolweni.

Sive utitshala esithi, "Ngubani ixesha ngoku , Jabu?"

Umhla:

Ngubani ixesha?
Zoba amasiba ewotshi.






Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Kutheni uJabu efike emva kwexesha nje esikolweni? |
| Kungoba |
| Uye ngantoni esikolweni uJabu? |
| UJabu |
| Kutheni engayanga ngebhasi esikolweni uJabu? |
| Kungoba |




Sisebenza ngamagama Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | |
|---|---|---|
| mveze | mxoxise | zwabuluka |
| mvuse | mxolele | ilizwe |
| mvale | umxoxozi | ilizwi |




**Amagama okujongisiswa**

ixesha
akeva
shiya




Bhala


Ngubani ixesha?



## Bhala

Fakela amanani kwezi zikhewu.

| | |
|---|---|
|  | Ndivuka ngeyure ____ entloko. |
|  | Ndilala ngeyure ____ entloko. |
|  | Isikolo singena ngeyure ____ entloko. |



## Masonwabe

Fakela amaxesha ahlukeneyo kwezi wotshi uze uxelele umhlobo wakho ukuba kuxesha liphi. Sika iwotshi engasemva encwadini uze uyifake amasiba. Bonisa umhlobo wakho amaxesha ahlukeneyo.



# Ngubani ixesha?














Masifunde




UJabu uvuka ngeyure yesithandathu entloko.



UJabu ukhwela ibhasi ngeyure yesixhenxe.

Ubuyela ekhaya ngentsimbi yesibini entloko.


Umhla:



UJabu udlala ibhola ekhatywayo ngentsimbi yokuqala.

UJabu utya ngeyure yesithandathu entloko.

UJabu ulala ngeyure yesibhozo entloko.



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.


| |
|---|
| UJabu uvuka xesha liphi? |
| Uvuka |
| UJabu ukhwela ibhasi xesha liphi? |
| Ukhwela ibhasi |
| UJabu ulala ngabani ixesha? |
| Ulala |



Sisebenza ngamagama


Funda la magama uze umamele izandi. Emva koko khetha amagama amabini uze ubhale izivakalisi encwadini yakho yemisebenzi.

| | | |
|---|---|---|
| iyure | indwe | ixesha |
| irula | indwalutho | uxam |
| irandi | undwendwe | ixolo |



**Amagama okujongisiswa**

iyure
imizuzu
imizuzwana




Bhala

Ixesha yi


# Bekuxesha liphi...?










**Masenzeni oku** Tshatisa amaxesha akwezi wotshi.



**Bhala** Bhala amaxesha uze uzobe amasiba eewotshi ubonise amaxesha achanekileyo.

| Xesha liphi | Ixesha ewotshini | Bhala |
| --- | --- | --- |
| Ndiya esikolweni ngeyure |  | |
| Ndifika ekhaya ngeyure |  | |
| Nditya ngeyure |  | |
| Ndilala ngeyure |  | |



**Masenzeni**



Bonisa amaxesha ahlukeneyo ewotshini oyisikileyo.



| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| iyure | irula | mjonge | qubha | inxiwa | inxele |
| irandi | mveze | qhuba | iqhina | ukrebe | ikrele |
| mvuse | mvale | into | qwa | induna | indlela |
| ngena | ingaba | iliqhwa | ilitye | iphuphu | indaba |
| ingalo | mcele | ikhala | ikhayithi | hloma | phupha |
| mcobe | xwaya | ilizwe | isizwe | intlama | intloko |
| phoxwa | kuxoxwa | ikati | iklasi | ihlengesi | hleka |
| qhuba | itwina | ipleyiti | imbeko | iphela | impukane |
| isenti | ishumi | ombi | ikhephu | toxo | imvubu |
| izantyalantyala | mmeme | izandyondyo | indyebo | emva | iphaphu |
| imbali | indlovu | thulwa | ulwandle | amazimba | qgum |
| mxoxise | mxolele | thwala | indlu | indlala | iimbambo |
| mxelele | nqwena | indlela | indlebe | ngoba | isichoto |
| imbobo | inyama | mjamele | mculele | indlala | ngena |
| elinye | umnyama | isigwili | igwinya | thetha | thatha |
| umnenga | iglavu | igwala | ntanta | hlikihla | thutha |

Masonwabe



## Umdyarho wamagama

Wena nabahlobo bakho khethani imizila yomdyarho eniza kuba nawo. Sebenzisa iwotshi ukuze ubone ukuba kukuthatha ixesha elingakanani na ukufunda amagama asemizileni yakho. Ningaqala ukufunda ngexesha elifanayo. Tshintshani imizila nifunde kwakhona. Yisebenziseni yonke imizila nileqane ukuze niphile qete. Phawulani amagama animisayo emizileni ukuze nikwazi ukuziqhelanisa nawo.



Masifunde



# Themba mqala ...

USipoti wayesihla ngendlela esingise kwaNjilo umzi owawunetheko. Wayenxibe umnqwazi nedyasi enkulu kuba yayiqhaqhazelisa amazinyo ingqele.

Endleleni wadibana noBhoki ibhokhwe kunye noXoxo isele, nabo babenxibe shushu bengafuni ukugodola.

Bahamba kunye ukuya kwaNjilo sebevuza amathe becinga ngenyama abaza kuyitya apho.


Babecula bexokozela bekhonkotha bekhala iyiloo nto yimincili!"

Umhla: ____________

Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

| |
|---|
| Wayehamba nabani uSipoti? |
| USipoti wayehamba |
| Babesiya phi? |
| Babesiya |
| Kutheni benxibe iidyasi nje? |
| Kungokuba |
| Babeyokwenza ni kwaNjilo? |
| Babeyoku |

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| inyama | inyoka | inyosi | inyewe | nyuka |
| ingqele | ingqondo | ingqawe | ingqula | ingqondi |

**Amagama okujongisiswa**

nxiba
ingqele
qhaqhazela

Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama

